Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2021

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **iiyure 2½**

Olu viwo lunamaphepha angama-32.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: iSihobe (30)

   ICANDELO B: iNoveli (25)

   ICANDELO C: iDrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo emiBINI

   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Ngumbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.

   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube mNYE

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisiti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
- Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 340–390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ITHEYIBHILE YESIQULATHO**

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo**: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | A! Ngangomhlaba! | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 7 |
| | | | | |
| 2. | Inyibiba | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 3. | Umfikazi UCharlotte Manyhi Maxeke | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| | | | | |
| 4. | Unozakuzaku | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| **KUNYE** | | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | | | |
| 5. | UMnga | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 13 |
| | | | | |
| 7. | *Inkawu idliw'ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| | | | | |
| 8. | *Nyana wam*! *Nyana wam*! | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| | | | | |
| 9. | *Nyana wam*! *Nyana wam*! | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |
| | | | | |
| 10. | *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 11. | *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |
| | | **OKANYE** | | |
| 12. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| | | | | |
| 13. | *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo omNYE.**

| **INANI LOMBUZO** | | **UMBUZO** | **AMANQAKU** | **INOMBOLO YEPHEPHA** |
|---|---|---|---|---|
| 14. | *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 26 |
| | **OKANYE** | | | |
| 15. | *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 27 |
| | | | | |
| 16. | *Indlal'Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 30 |
| | | | | |
| 17. | *Indlal'Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 30 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no C, qiniseka ukuba uphendule umbuzo OSISINCOKO omNYE nombuzo omNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

## ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|---|
| A | ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | Isihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B | Inoveli Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| C | Idrama( Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 14–17 | 1 | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

## IMIHOBE YESIXHOSA – B. NGOMBANE

### IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo emiNE efundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-190–240 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo singezantsi sithathwe kwisibongo. **[10]**

**A! NGANGOMHLABA!**

Yema mangqangq' iManisipaliti,
Akroz' amajon' oMkhosi,
Yahlahlamb' iNtambula ka-I.C.U.
Yathi: Ngambu-ngambu-ngambu!
"Zaphal' imoto nemotokali",
Laphalal' igazi lenkabi zontathu,
Zakhala zakuhlatywa zatakazela!
Zathi, Bho-ho-ho kankomo!
Lanyikima lonk' elakwaGompo,
Zaqaba calany' iintokazi;
Laxakek' igwangqa lenqwelem:
Lafun' ukuth' inkanun' ayikenzi nto.
A! Ngangomhlaba!
A! Ngangomhlaba!
................................................

Mhla kwahlw' emini eDiyara;
Kwanuk' irhuluwa nentsimbi;
Kwatshixiz' umti komny' umti;
Kwaqhawuk' imbeleko nemibeleso;;
Wati umntu kudiben' izulu nomhlaba!
Bebedityaniselwa ntonin' abangaka?
Kusaphuk' imikhonto nje ngoku siphina?
Yaba kukudlulа kwalo njalo
Malixol' ilizw' inkwenkwez' ifumanekile.
Mazibuy' izinto ziye ngendawo zazo.
Tarhu Jikijwa, nawe nto kaRubusana
Kade sinixelela zinkosi-
Sisithi wagcinen' amadun' akowenu!!
Ncincilili!!

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**INYIBIBA – J.J.R. JOLOBE**

Ndayibona **izifihla**
Enqaben' ezixhotyeni,
Ngaphakathi kwamalwalwa
Amabini, **iqaqambile**.
Hayi, obo buhle!

Izityalo ezithile
Zaye zimi zijikele;
Yayiphakamisa leyo
Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
Njengetshawekazi.

Kwanothuli oluphantsi,
Nokhulan' olukufuphi,
Lwema ngathi luyanqula
Loo nzwakazi yasezindle-
Inyibiba entle.
Yayibonwe ngala mehlo,
Yathokoza intliziyo;
Kwakho ukufudumala
Endingekuchazi mhlana
Ndabona loo nzwakazi.
Ndev' izisebesebezo
Emazants' obume bami,
Zindityel' ukuthi yeyam,
Phofu ingeyiy' ubuhle
Bonk' obunjengayo.

2.1 Kuzisa ntsingiselo ni ukuchasana okuphawulwe ngqindilili kwisitanza sokuqala? (2)

2.2 Caphula isigama kwisitanza sesibini esiqulethe uluvo lokuba inyibiba ikhula phakathi kwezinye izityalo. (1)

2.3 Cacisa ifuthe lesimntwiso esikumqolo 8–9 kumyalezo wale miqolo. (2)

2.4 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba imbongi yayithanda inyibiba mhla yayibona ngokwemigca 17–20. (2)

2.5 Xela uhlobo lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kumqolo wama–21. (1)

2.6 Nika imfundiso yalo mbongo ngenyibiba. (2)
**[10]**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE**
*"Ndesuka ndingunina kwaSirayeli" (Gwebi 5:7).*

Shukumani bafazi;
Ushenxil' uMama**rhixirhixi;**
Ufinyis' amagruxu;
Ushenxil' okad' esakh' umzi,
Egutyul' iirhanga namanxila;
Egodus' amahilihil' agoduke;
Itye lesiseko seTiyopiya!
Shukumani bafazi!

Igqibil' intomb' asemzini;
Igqibil' intomb' aseLusuthu;
Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni;
Ukhe wabek' iinyawo kwelabaTswana;
Kusapho lukaKhama nolwabaRolweni;
Wabek' amabele kubaThembu;
Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

Maz' emabele made yase- Afrika;
Okwanyis' usapho lukaNtu luphela;
Azi nonyaka yaphusile nje;
Logangwa yintokazi kabani na?
Menzeleni ilitye lokukhunjulwa;
Ze siqhayisele ngal' amavilakazi;
Az' angaz' alityalwe kowabo;
Az' angaz' alityalw' emhlabeni;
Az' angaz' alityalw' eAfrika!
Nci! Ncincilili!

3.1 Zizisa ntsingiselo ni izandi eziphawulwe ngqindilili kwigama alithiyiweyo uCharlotte kumqolo wesi-2? (2)

3.2 Caphula isigama kwisitanza sesi-2 esiqulethe uluvo lokuba oko ebekwenza uCharlotte akasayi kuphinda akwenze. (1)

3.3 Cacisa ifuthe lombuzo buciko okumqolo we19–20 kumyalezo wale miqolo. (2)

3.4 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba imbongi yakholwa yimisebenzi kaCharlotte. (2)

3.5 Xela uhlobo lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kumqolo wama-23-25. (1)

3.6 Nika imfundiso yalo mbongo ngoMfikazi uCharlotte. (2)

**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UNOZAKUZAKU – Z.S. QANGULE**

Indod' encazwa **ngabakhulu kwanabanci,**
Kufunek' ingalandulanga kodwa yenz' ezo nto
Imaz' esengekayo nok' isisaqhaga,
Kaloku yindlezan' ayinakoma kuthi tu.

Inyew' idinyazw' ilungiswe nguye,
Ngumnt' onentloni ke wasebulawini.
Intomb' iyazimel' unin' ambathe,
Ngumdibanisi wamakhay' amabini ngobulawu.

Nanko k' esiz' ehamb' exhakazela,
Abafazi <u>bemhewula,</u> zimkhonkoth' izinja.
Iinkomo ziphi, luphi na lon' uswazi?
Azi waze njani na? Isazi-mzi k' eso.

Imbeko nemibuz' emlindeleyo kwelo khaya.
Kodwa ke yinkabi yamalang' ekad' inetha.
Indlel' ayaziwa mntu kodw' umhambi wayo,
Kuthenjwe yena ngasemv' ujongiwe ngaphambili.

Iinyawo zakhe ziluvil' uthuli lwendlela,
Nentloko yakh' ulophu lwasehlotyeni.
Izithuko zakhe ziviwe ngamathafa, nemimango,
Ngasemva kweenkomo ziya kulobola.

4.1 Luzisa ntsingiselo ni uchasaniso oluphawulwe ngqindilili kumqolo woku-1? (2)

4.2 Caphula isigama kwisitanza sesi-2 esiqulethe uluvo lokuba unozakuzaku ngumntu ohloniphekileyo. (1)

4.3 Cacisa ifuthe lowalakahla lwemibuzo ekumqolo we11–12. (2)

4.4 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba imbongi ikholiwe yimisebenzi kanozakuzaku. (2)

4.5 Xela uhlobo lwesixhobo sesandi esinomgca ngaphantsi kumqolo we-10. (1)

4.6 Nika imfundiso yalo mbongo ngoNozakuzaku. (2)
**[10]**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE.**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UMNGA – S.E.K. MQHAYI**

Ndazalwa ngenyanga yoMnga,
Inyang' edume ngelanga;
Ngumth' omhle kunene uMnga,
Nonezimbo zokulunga,
**Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,**
**Ngokuthi kwindalo, usidalel' umnga.**

MaXhosa nisawazi na?
Nina baMbo nithini na?
Kodwa nisakhumbula na?
Ngemihla yaphambilana?
**Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga**
**Ngokuthi kwindalo, usidalel' uMnga.**

Benisitya iingcambu zawo;
Niwatye nameva awo;
Nisayazi na inkxozi,-
Xa kungekho namxoxozi?
**Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,**
**Ngokuthi kwindalo, usidalel' uMnga**

Ngokuthi kwindalo, usidalel' uMnga.
Besitshaya namagqabi,
Ngezo mini zamadabi;
Sitsho ngamalahl'ashushu;
Ngeemini ezingeshushu;
**Enkosi Somandla Mhlekaz' okulunga,**
**Ngokuthi kwindalo, usabele uMnga.**

5.1 Xela ukuba yiyiphi inyanga yoMnga. (1)

5.2 Khankanya amalungu amaTHATHU oMnga ebefudula eluncedo eluntwini ngokwesitanza sesibini. (3)

5.3 Chaza ukuba igxininisa ntoni impinda ekwimiqolo emibini yokugqibela yesitanza ngasinye salo mbongo. (2)

5.4 Nika izixhobo eziBINI ezidale isingqisho kulo mbongo. (2)

5.5 Chaza uvakalelo lwembongi ngoMnga kulo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwinoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE,ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli)KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) **OKANYE** UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### INKAWU IDLIW' ILILA – S. KULA

Impumelelo isentabeni.Ngqina olu luvo uqamele ngendlela uMapheza ajamelene ngayo nemiqobo ekusiphuleni ulwaphulomthetho kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## INKAWU IDLIW'ILILA: S. KULA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Wasiva isililo sendoda esasiphuma kwimoto eyayidutyulwa. Yayitarhuzisa icela ukuba ingabi sabulawa, koko kuthathwe imoto yayo leyo kunye nemali. Yaba lithutyana elide iimbumbulu zisitsho, esiva nokuthukisela kwabantu uBhanqo. Zathi izithonga zakupheza, kwathi cwaka. Wakha walinda ithutyana esalele_ngesisu phambi kokuba athi qwa intloko. Wathi engekavuki weva ngemoto yezikrelemnqa ikhalisa amavili, kanti iyajika iya apho ivela ngakhona.
Waphuma ehamba kancinci esikhundleni sakhe emva kokuba loo moto iyokusithela phakathi kwehlathi. Wathi akuqwalasela apho ekoyameni kocingo, wabona imesidisi ebomvu ithiwe nyha phezu komjelo wamanzi. Akazange akwazi ukufownela amapolisa kuba babengenayo ifowuni kweloo nqugwalwana labo.
"Tyhini, uphambene na lo mfo! Ucinga ukuba ngubani ongazisa emapoliseni njengokuba ethanda kangaka nje ukunyuka nengalo emntwini? **Nokuba kungathiwa kukho ibhaso lemali, andisoze tu**. Heyi makhe ndihlale ndibukele!" Wacinga njalo uBhanqo evele ngefestilana kwelo tyotyombe, nelalingakhanyiswanga. Wayemvela uMfuneko owayethetha kunomyayi.
Wathi uMfuneko akugqiba ukuthetha noThantaswa kunomyayi wakhe, wabuyela kwasemotweni yeshwangusha. Wafika wayijikeleza engathi uyayicofacofa. UBhanqo wambona evula ucango lwangaphambili. Kube lithutyana egubhulula apho unkabi.
"Izikhulu azihambi nje, zivamise ukuhamba nentyweka yemali emotweni," wacinga njalo uMfuneko emana ukuvula zonke iindawo awayezicingela ukuba uMsindisi angafaka kuzo imali.

7.1 Chaza indima ayidlalileyo uBhanqo kuphando lwetyala lokugwintwa kukaMsindisi. (1)

7.2 Cacisa ukuba ukoyika nokungabi nazixhobo kwindawo aphangela kuyo uBhanqo kuluqhubele phambili njani ulwaphulomthetho kule noveli. (2)

7.3 Ingaba wabambelela kwisifungo sakhe esibhalwe ngqindilili uBhanqo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.4 Bonisa ngeengongoma eziMBINI ezikwisicatshulwa ukuba umbalisi ngumbalisi owazi konke. (2)

7.5 Ingaba uMsindisi kwesi sicatshulwa udlala indima (yokuba ngumchasi wolwaphulomthetho/yokuba lixhoba lolwaphulomthetho)? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.6 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU usukela kwiingcinga abe nazo uMfuneko ngezikhulu ukuba uyayithanda imali kule noveli. (3)

7.7 Chaza ingxaki ezizifake kuyo izigwinta ngokutyeshela umyalelo wokungazithathi izinto zikaMsindisi emotweni. (2)

**KUNYE**

## ISICATSHULWA B

> “Dlangamandla, simele kukuzintyintya ngotywala sinxile singazazi namagama ethu namhlanje kuba *inyoka iza kufela ekurhubuzeleni kwayo*,” watsho uMfuneko ehleka.
> “Yhu! Ndakutsho ndisebenze ngokonwaba okukhulu,” watsho uNqoza eyitsibela eyivula loo bhotile.
> “Uyabona ke, kuyo yonke le nto siyenzileyo kufuneka uvale umlomo wakho, usivale nesifu ...,: Wathi nqumama kancinci uMfuneko ebona kungena uThembakazi kwelo gumbi babekulo. Uthe akuqonda ukuba uvelwe nguThembakazi watshintsha isihloko.
> “Yinyaniso leyo,” waphosa nje elo uNqoza elindele umfazi wakhe de aphume.
> “Khawufane ucinge xa lo mfana afuna ukukugxothisa emsebenzini! Uthi uza kulondla ngantoni usapho lwakho? Kungcono kuhambe yena engekasidyobhi sonke. Mhlawumbi kwenye indawo uya kubonelwa icebo,” watsho uMfuneko ejonge ngakuThembakazi.
> “Ngabantwana bakabani aba afuna balale ngamanzi? Hayi makasikhwelele ngokwenene,” watsho uNqoza nokuphuma kukaThembakazi. Waziva engabuthandi obu buhlobo besi sibini yena uThembakazi kodwa wakhetha ukuzithulela ngelithi uya kuyicela ivuthiwe apha emyenini wakhe.
> Emva kokusela loo bhotile, uMfuneko waphuma apho ehamba ngodonga ukuya emotweni yakhe.Endaweni yokuba aye kowabo, wabekela kwaYangaphi, nalapho walalisa khona.
> “Khawutsho ke Mfuno, kushiyeke ntoni ngoku?” wabuza uThantaswa echulumancile.
> “**Kushiyeke ukuba siyokuzibonela uMapheza xa angcwatywayo**,” watsho ephendula izinto zomqala wakhe uMfuneko. Wabona uThantaswa ukuba makamyeke angambuzi nto kwakhona kuba unxile kakhulu.

7.8 Tyebisa unozala wamazwi kaMfuneko abhalwe bukekela ngokwale noveli. (1)

7.9 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uMfuneko noNqoza balala ngengubo enye kulwaphulomthetho olugqubа kule ncwadi. (2)

7.10 Xela isiganeko esenzeke kanye emva kwale ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)

7.11 Chaza indlela alilandele ngayo igama lakhe uMfuneko kule noveli. (2)

7.12 Tyhila isigqebelo esikumazwi kaMfuneko abhalwe ngqindilili. (2)

7.13 Bubenesiphelo esinjani ubuhlobo bukaMfuneko noNqoza? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

## UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

Impumelelo isentabeni.Ngqina olu luvo uqamele ngendlela uThole ajamelene ngayo nemiqobo/nemingeni yokuzalisekisa izigqibo zakhe ngobomi bakhe. **[25]**

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390.

## UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## NYANA WAM! NYANA WAM! – WK TAMSANQA

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

Ithi ke inkosi ezi yure zimbini zishiyekileyo iyakuboleka ukuba ukuba ukhe uzithandazele uthethe noThixo wakho alungiselele umphefumlo wakho indawo”. Sathi ukuba sime esi sigwebo waziqonda uThole ukuba ngoku ukuwo umfula wethunzi lokufa , ifikile imini yokufa kuye. Umfo owayewisa esi sigwebo wayekhangeleka ukuqhula ingento yakhe, amehlo entama ubugebenga. Wathi akulijonga ixesha uThole wafika libaleka ngokusisimanga, iintsiba zexesha zaba ngathi zijikeleza oku kwamavili enqwelo. Ukubetha kwalo kwaba ngathi zizingqi zesilo esoyikekayo sisiza kumtshabalalisa. Ngenene yayizizingqi zesilo ukufa. Kwalile ngesiqingatha sentsimbi yeshumi lahlokoma ixesha, latsho ngentlokomo enkulu, kuba lalithiyelwe ukwenjenjalo.Ingxolo yalo yabangathi yileyo yokubethwa kwamagogogo ezilokishini ezinzulwini zobusuku xa kuphela umnyaka omdala kungena omtsha. Ngenene kwakusehlulelana ubomi obudala kuThole kungena ubomi obutsha angabaziyo, belabafileyo. Lathi ukuba litsho ixesha zatsiba kuye ezi zinto zimkhulula zimqamangela izandla zozibini ngasemva zimphamba ngeempama zimkhomba emnyango.

Waqhutywa waya kukhutshelwa ngaphandle kwelokishi, yekoko ukukhweza naye ucingo besihla besiya echibini. Imizuzu yayilishumi linesihlanu ibethe intsimbi yeshumi elinanye awayeza kuphoswa ngayo emanzini. Ukususela ekubotshelelweni kwakhe endlwini umthandazo wakhe wawumnye ingothi.**“Nkosi ukuba ndingaphuncula kula makhamandela ndizibone ndingosindileyo inkulu into endingakwenzela yona, igama lakho ndingalibonga njalo.”**

9.1 Chaza indima edlalwe nguJoe neqela lakhe ukubuyisela uThole kubomi obuneenjongo. (1)

9.2 Chaza ukuba izoyikiso nokubekelwa ixesha nendawo azakubulawa kuyo kuncedisene njani nokuguquka kweendlela zikaThole ezigwenxa. (2)

9.3 Ingaba wabambelela uThole kwisibhambathiso sakhe esibhalwe ngqindilili de laphela ibali? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.4 Bonisa ngeengongoma eziMBINI ezikwisicatshulwa ukuba umbalisi ungumbalisi owazi konke. (2)

9.5 Ingaba uThemba noSonwabo kule noveli bangabachasi kwiinjongo zobomi bukaThole? Xhasa impendulo yakho. (2)

9.6 Ngqina ngeendawo eziNTATHU ukuba ngenene uThole uye wayisebenzela inkosi. (3)

9.7 Chaza enye ingxaki azifake kuyo uThole ingeyiyo le ikwesi sicatshulwa ngokutyeshela umyalelo kaFikizolo wokungaze ayeke isikolo. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

"Thix' onofefe nguMangaliso!" watsho uMaNtuli ekhwaza, suka bathamba amadolo benoNofundile bexakwa yeyona nto mabayenze, babuyela endlwini bee fokoxo emva kocango beziphethe ngeenkophe iinyembezi. Bamokamokana belilelana uFikizolo noThole entla komzi yaba yiloo nto suka wabonakala ephelelwa ngamandla uFikizolo, wamtotobisa uThole ukumsa endlwini, naye kungasekho nto inguye. Bathe ukuba bangene wadanduluka uFikizolo esithi, **"Nokhaya mfazi! Ubefile, uvukile!"** Wathi ukuba atsho basothula isikhalo uMaNtuli noNofundile batsho ngesijwili. Esi sijwili sothusa noSiphiwe owayengqengqile efunda incwadi entangeni yakhe ngeli xesha. Uthe akusiva wothuka weza ebaleka suka wathi ukuba afike wee ntla ngoMangaliso wakhohlwa yinto amakayenze bajongana, belilelana.

Kuthe kuseso sijwili kwangena uMasuthu, unina kaThozama wabuya nocango ehlabela ivesi kwawaseWesile,

Kubo bonke ooThixo
Akukho onje ngawe,
Kuba inceba zakhe
Zimi ngonaphakade.*

Watsho ewuphuthuma umthandazo embonga uYehova, eyibeka imeko yokukhathazeka komzi wasemaKhomanzini ukususela mhla uMangaliso wazimela esiya eRhawutini. Eyibeka imeko yentsomi yokuvakala kokubonwa kwakhe edolophini eGcuwa eyakuphathelela kwizinto yokufunyanwa kweentloko zooThemba beqwengwe ziingonyama ecacisa ubuhlungu obembathisa elo khaya bengazi ukuba makube kwaba mthi mni na kuMangaliso ekwakuvakele ukuba ubonwe ehamba noThemba.

9.8 Tyebisa unozala wamazwi kaFikizolo abhalwe ngqindilili. (1)

9.9 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba konwatywa lusapho lwakwaFikizolo akubuya uThole. (2)

9.10 Ngexesha ebuya uThole besele engasacingeli uyise ukuba angabasaphinda esikolweni kuba esithi sele emdala. Xela eyona nto ebesele embonela yona. (2)

9.11 Chaza indlela alilandele ngayo igama lakhe uMangaliso kule noveli. (2)

9.12 Chaza isigqebelo esikwisikhalo esenziwa lusapho lwakwaFikizolo. (2)

9.13 Bube nesiphelo esinjani ubuhlobo bosapho lwaseMakhomanzini noMaSuthu ongumama kaThozama? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N. SAULE

Impumelelo isentabeni. Ngqina olu luvo uqamele ngemiqobo ajamelene nayo uMfazwe kwindlela eya empumelelweni ngexesha lengcinezelo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UKHOZI OLUMAPHIKO – N SAULE

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA E

Ndaqubuda ndajonga emhlabeni andathetha. Ndive ngesandla esirhabaxa sindigxavula esilevini, baqwanyiswa ubuso obu.“UNguwe” wandijonga nzoo emehlweni nam ndimthe ntshoo oku ngathi sibambene ngomnatha.
Ndamjonga ndada ndawubona umfanekiso wobuso bam kwiliso lakhe langasekunene. Bathi ubuso bakhe bebusangene,ndabubona bunyibilika, wasiyeka isilevu sam ekwakusele kukufutshane ukuba imihlathi ichachambe ngenxa yobugadalala besandla sakhe. Wenze uphawu lokuba ndiphakame, ndee khwashu kwangoko.
Ndimbone umfo omkhulu ewabalekisa ngoku amehlo oku komntu obhaqwe ebesenza into engekho mgceni, waya kusebeza kulaa mfo kwakucaca ukuba lisekela lakhe. Kuze yena ngoku kum eyekelele umzimba, wafika wema apha phambi kwam wandijonga.
Isandla sakhe sikhawuleze seza engxoweni yam yesilamba, sangena, ndayiva iminwe ibamba isiqhuma semali, saphuma nayo. Waphinda wafaka esinye isandla, saphuma nesinye isiqhuma semali. Oku kwesibini impi ebukeleyo ayibanga nakuzibamba, yakhuza ngathi ibona umhlola.
“Yile nto kanye besiyithetha, yintlola le, impimpi.” Utsho ke umfo omkhulu ebonisa abanye isiqhuma esingumbhumbutho wemali nabo bengenelela ngezithuko nangezenyeliso. Mna lalindiyile, ndiqonda mhlophe ukuba andinakuze ndibe nabo ubuchule bokubaqinisekisa asimali yabumpimpi leyo.Ingqina laloo nto lizokuvela kumazwi enkokeli xa ilumkisa uwabo.
“Loo mali ivuza igazi labantwana babantu, lingakudyobhi mfondini. Nika uJudas imali yakhe azokufa nayo.”

11.1 Tyebisa unobangela wokuba uMfazwe atshutshiswe kwesi sicatshulwa. (1)

11.2 Chaza ukuba izityholo zobumpimpi nezobuntlola abetyabekwa ngazo uMfazwe zilikhulise njani ibali. (2)

11.3 Ingaba uMfazwe wabambelela kwisibhambathiso asenze ekuqaleni kwebali sokuba akasoze abe ngungcothoza? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.4 Bonisa ngeengongoma eziMBINI ezikwisicatshulwa ukuba umbalisi ubalisa ngejelo lomntu wokuqala. (2)

11.5 Ingaba amapolisa ocalucalulo kule noveli adlala indima yokubangumchasi kwiinjongo zikaMfazwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.6 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba ngenene uMfazwe ungumlinganiswa oliqhawe. (3)

11.7 Chaza ukuba imali awayeyiphethe uMfazwe wayeyithathe phi. (2)

## ISICATSHULWA F

Ayisikuko nokuba wayethanda ukundiqhula uSiphiwo lo.Ukuba yiyingenguye, ndiqinisekile ukuba amanxeba asentliziyweni ngengazange adambe ukuqaqamba. Umfo omkhulu usamana ukulwa into yokuba ndale ukubizwa ngabo njengecombrade kuba ndisithi andizange ndaluke nabo. **"Icombrade kaloku Mfundisi liqabane lalapha emzabalazweni, hayi esikhwetheni,"** atsho xa ebona ukuba andifuni kuyiva le nto yeli gama lisenza iintanga sakugqiba ukungabi zizo.

Zaziseziqengqelekile iinyanga ndikwelaBathwa eMgazi, kwindawo esasiyibiza ngokuthi yiNkampu apho elinye lamabutho eNtsimb' ebomvu lalihlala khona, liqeqeshelwa imini yogayi mhla kwaqutyiswana nomkhosi waseMzafrika. Ngale mini ndandincokola noSiphiwo, ndandichacha kwintente eyayibizwa ngokuthi sisibhedlele, iteketiswa ngokuthi yiMzimhlophe kuthathelwa kwindlela abanxiba ngayo abongikazi. Kodwa ke intente yona yayikude kakhulu kwintsingiselo yegama eyayiphiwe lona. Kufana negama eyayibizwa ngalo inkampu le yethu, iMthonsi, igama abanye bethu ababengenalo nofifi lwemvelaphi yalo.
Emzimhlophe ndandifana nenkwenkwe ethutha ubisi ukuqaqa oku ngenxa yalo mlenze wasekunene, kuba kancinci kancinci kwakuye kufuneke ndiyokuwuhlolisa. Ekuqaleni ndandinengqondo ethe noko uya kukhawuleza uphile, ubuyele esiqhelweni, kwathi kanti andibhungisanga.Wahambela phambili okomkhuhlane wexhego, yaba ngamabonandenzil ukuba ungashunqulwa.
Oyena nobangela wenkathazo kukuba walufumana kade uqwalaselo ngabanolwazi lwamachiza eli xesha, lwathi lufika labe irhorho eli selifuna ukubola.

11.8 Chaza unozala wamazwi kaSiphiwo abhalwe ngqindilili. (1)

11.9 Chaza ngengongoma eziMBINI ukuba uSiphiwo noMfazwe balala ngengubo enye kwinjongo yokufuna ukukhulula isizwe esimnyama phantsi kwengcinezelo. (2)

11.10 Xela isiganeko esenzeke kanye emva kwale ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)

11.11 Chaza indlela alilandele ngayo igama lakhe uMfazwe. (2)

11.12 Tyhila isigqebelo esikwindlela ebefudula ebizwa ngayo uMfazwe kwezopolitiko kuQaka nakwindela abizwa ngayo kwezopolitiko ngelixa ekwelaBathwa. (2)

11.13 Ibali liphela sele engumfundisi naye uSiphiwo. Chaza umahluko phakathi kobufundisi bukaSiphiwo nobufundisi ebefudula ebubo uMfazwe. (2)
**[25]**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA NABANYE**

Impumelelo isentabeni. Ngqina oku ngentsomi ethi "uGxuluwe naBathwa" uqamele ngemiqobo ajamelene nayo uGxuluwe ngexesha edibana naBathwa kunye nesibongo esithi "INtaba kaNdoda" uqamele ngemiqobo ajamelene nayo uRharhabe esilwela le Ntaba.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama 340–390. **[25]**

## UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI SWANA

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA G (INTSOMI)

### INTSOMI YEENYAMAKAZANA

Kwathi ke kaloku ngantsomi, yayiziinyamakazi zonke, zalima intsimi zemka zaya kuzingela. Zabuya zayihlakuhlakula. Zemka zaya kuzingela kwakhona. Zabuya zisiya kuhlola. Zathi zisekude zabona umsi omkhulu phakathi entsimini. Zahlala phantsi zacinga icebo zaza zagqiba ukuba uMvundla uye kujonga ukuba ngubani lo usentsimini yazo. Uhambile uMvundla ngokuzithemba waza wakhwaza wathi: ‘Ungubani na wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke; zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela?’ Livakele ilizwi lisithi, ‘Ndim Maginy’ inyathi neempondo, ndingasuka nawe Mvundlazana ndikuginye ndingakuhlafunanga.’ Wagqotsa kwa oko uMvundla.

Zathi iinyamakazi makukhe kuye uMfene. Naye ufike wamemeza wathi: ‘Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zemka zaya kuzingela.’ ‘Ndim uMaginy’ inyinyathi neempondo, ndingakuginya ngoku’ Yagqotsa imfene ukubuyela emva. Zamana ukuya nganye-nganye zibuye, kwada kwacaca ukuba kushiyeke uFudwazana yedwa. Kwathiwa makukhe kuye yena zabe ezinye zinqanda zisithi kungathi koyiswe zona kobekela phi kooFudwazana abancinci. <u>Wabonakala ezwabuluka ngokuzola zabe ezinye zimsizela zimbuza ukuba uyaphi na kodwa eza kuzenzakalisa nje.</u> UFudwazana zange amamele warhoqoza wenjenjeya ukuya kuzikhangelela le nto isentsimini yabo. Naye njengezinye wakhwaza wathi: 'Ungubani wena ukuloo ntsimi yeenyamakazana zonke, zayilimalima, zayihlakuhlakula zaya kuzingela?' Yaphendula njengesiqhelo yathi: 'NdinguMaginy’inyathi neempondo nawe lo ndingakuginya ungabonakali.'
Warhoqoza uFudwazana wabheka phambili ezama ukusondela kanye kule nto. Wathi akuyibona izojela umbona waphinda wakhwaza njengakuqala. Yathi xa iqala ukuphendula njengesiqhelo wakhwela kuyo uFudwazana wayikhama.
Kwajijiswana kwayiloo nto wabe uFudwazana engayiyekanga. Yada yafa waba ke uFudwazana uyigqibile edelelekile enjalo.

Wathi ukuba abone ukuba uyigqibile waza wacula ingoma yakhe wathi:
'Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo!
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Mna Fudwazana ndimncinane ndinjalo.
Ndikwazile ukulubulala utshaba obelugqiba umbona wethu!
Yizani nonke nize kubona isimanga!'
Zabuza iinyamakazana ukuba uthini na uFudwazana. Zathi ezivileyo uthi ubulele utshaba. Yekoko ukubaleka zisiya entsimini. Zafika zambulela ngobugorha abubonakalisileyo. Zamncoma zimtyibela ukumthutha oku kuba uzihlangule iinyamakazana.
Ukusukela ngaloo mini wahlonipheka uFudwazana naye phakathi kwezinye izilwanyana kuba yena zange asebenzise zigalo kuba emncinci wasebenzisa ingqondo kuba wasuka wakhwela kulo utshaba walukhama lwafa. Zambamba izandla zimvuma ukuba ube ngoyena unengqondo kunazo zonke, zatsho zalivuma elithi: **'Ungabokuwudela umqulu iiyadi ungazibalanga**'. Phela-phela ngantsomi.

13.1 Xela indima edlalwe yindlela athiywe ngayo “uMaginy’ inyathi neempondo”. (2)

13.2 Cacisa ukuba isoyikiso sikaMaginy’ inyathi sokuginya izilwanyana siwukhulise njani umxholo wale ntsomi. (2)

13.3 Xela ingcinga eziswa sisenzo sezilwanyana sokukhetha umvundla kuqala ukuba ibe nguye oya kukhangela utshaba entsimini yazo. (2)

13.4 Ngeengongoma eziMBINI cacisa ukuba iveza ntoni ngoFudwazana intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

13.5 Bonisa ngeengongoma eziMBINI ezikwisicatshulwa ukuba umbalisi ngumbalisi owazi konke. (2)

13.6 Chaza injongo yengoma kaFudwazana kule ntsomi. (2)

13.7 Nika intsingiselo yeqhalo elibhalwe ngqindilili uze uchaze indlela elithe latyhileka ngayo kule ntsomi. (3)

## ISICATSHULWA H (UMBUZO OMFUTSHANE)

**A! Zilimbola!**

.......................................................

A! Zilimbola!
Yinkcalankcala **inkunz'** aseGwali,
Umjezula kakuhle gqitha ngeliso,
Ngomlomo le nkunzi iyabhodla,
Ibhodl' iintshwembenxa zamagama,
Itsho ngezibhebhewula uncuthu.
Ciko lokuncokola, ciko lokuvuma-
Mv' evum'engaziwayo ingoma.
Nkunz' inomcondo yaseGwali-
Mabandl' akuloPhuthise nivile na?
Nditsho kuni mabandl' aseGwali.
MaGwali akuloPhuthise nibonile na?
Ukusombuluka kwenamba kowayo?
Isilo esimzila sibonwa koomaFort Hare-
KoomaKapa kooRowdzi siboniwe.
.......................................................
A! Zilimbola!
Ndikhuza wena, nyana kaNtaba,
Mphakuli wetsili linolwamvila,
Msombululi wezi**ntso**nkotha nezi**ntso**mpothi,
Mvumisi phakathi kwamagqirha,

Mbongi phakathi kweembongi,
Rhanga-rhanga phakathi kwamarhwanqa,
Ntyulubi phakathi kwamaqhitala,
Ntaba kaNdoda nay'iyangqina.
Nditsh' eyeBhukazana nekaMnqwazi,
Kuye kuye kwezaseBaThenjini,
Zithi zonke, Zilimbol' uyingqanga.
Nam ndith' uyindangandanga.
A! Zilimbola!
Ncincilili!

13.8 Nika iimpawu zibeMBINI zesibongo kwisicatshulwa esingentla. (2)

13.9 Thiya isafobe esikumqolo wesi-2 kwisitanza soku-1. (1)

13.10 Xela injongo yokuphindaphindwa kwesikhahlelo u A! Zilimbola. (1)

13.11 Xela ukuba zibonga ngantoni iimbongi zomthonyama. (1)

13.12 Uyintoni lo Zilimbola ubongwayo kulo mbongo? (1)

13.13 Tolika umqolo we-18 ngokomxholo walo mbongo. (1)

13.14 Sisiphi isixhobo sohlalutyo esikwizandi ezibhalwe ngqindilili? (1)

13.15 Cacisa okuqulethwe ngumqolo wama-23 kwesi sibongo. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 14 ukuya kumbuzo 17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### BUZANI KUBAWO – WK TAMSANQA

Ukwahlulelana kwamaxesha ezimbalini kungunozala wempixano kule drama. Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UNOMAMPONDOMISE | Kowu bhuti Gugulethu Rhadebe, le nto akukayiyeki nangoku? Kodwa sisizungu sani esi undimele ngaso? Uza kundenzela amashwa ngale nto. Uza kubanga ukuba ndingatyi kutya kuhlayo, ndingalali buthongo buhlayo yiyo yonke le nto. |
| UGUGULETHU | Wena Jola uthi “ndiza” mna akuhli ngoku ukutya endikutyayo. Andithethi ke bona ubuthongo, ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke, ngoku into eseleyo ngamashwa ukuba abe phezu kwam ngenxa yakho: kuba NomaMpondomise, qonda kakuhle Jola, ngenxa yothando le nto ingumntu iyajika ibe yinto ebingeyiyo ekuzalweni, okanye ibe yinto ebingadalelwanga yona nguThixo. **Ngenxa yothando umntu uba ngumbulali ngoku ebengadalelwanga kubulala**. Ngenxa yothando umntu uba ngugqobha ogqobha onke la mankazana eli lizwe. Yintoni unobangela? Intliziyo ayivumi ukwanela kuba kukho lowa mntu unguyena-yena ebesenyongweni. Ngoku ke seleyinto ehamba isenza nje phantsi kwegama lokuba iyazixolisa. Ngenxa yothanda umntu uzibona selenxila ebengakhange wadalelwa bunxila, umve esithi ucima iintsizi, uyazithuthuzela. Ngani ukuba azinyulele ixelegu elibutywala ekucimeni iintsizi, nasekuzithuthuzeleni? Kaloku oyena mthuthuzeli wenene ngulowo usuke wakhwez’ amathambeka. NomaMpondomise Jola, ndive xa ndithi kuwe andityi kutya kuhlayo nguwe, andilali buthongo buhlayo ngenxa yakho. Ngoku ndiyakucela, nqanda nali ilifu lelishwa, lokuba yinto endingadalelwanga yona, lilenga phezu kwam. |

15.1 Caphula intetho kwisicatshulwa etyhila ukuba sekulithuba uGugulethu emcenga uNomaMpondomise. (1)

15.2 Ngqina ngengongoma ENYE ubunyani bamazwi kaGugulethu abhalwe ngqindilili ngokwale drama. (2)

15.3 Chaza ukwahluka kwiindlela amaHlubi atolike ngayo isiko lokubonela kule drama. (2)

15.4 Cacisa ngeengongoma eziMBINI ukuba umxholwana wothando ukhulise intlekele ekule drama. (2)

15.5 Nika isizathu sokuba uNomaMpondomise angasamkeli isicelo sikaGugulethu kwesi siqendwana. (2)

15.6 Cacisa ukuba kutheni ukukhalala kungabanga sisisombululo esichanekileyo kwiingxaki abebekuzo abalinganiswa bale drama. (2)

15.7 Chaza ngeengongoma eziNTATHU izenzo zikaZwilakhe ezikhokelele ekufeni kukaThobeka Mcothama. (3)

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UMCUNUKELWA: | Ndithi intombi kaLangeni iyandala. |
| UQAVILE: | Awu! Ithi yintoni isizathu? |
| UMCUNUKELWA: | Ithi ayizange yandithanda. |
| UQAVILE: | Kuphela kwento eyithethayo leyo? |
| UMCUNUKELWA: | Ayixeli yimbi. |
| UQAVILE: | Iyaxoka ikhona into. |
| UMCUNUKELWA: | Asazi ke. |
| UQAVILE: | Ke kuza kuthiwani? |
| UMCUNUKELWA: | Andiboni nto yimbi ngaphandle kokuba kuphuthunywe iinkomo |
| UQAVILE: | Uyixelele ke phofu ukuba iinkomo ezo kufuneka zibuyile? |
| UMCUNUKELWA: | Yiyona nto ibindibizele yona leyo. |
| UQAVILE: | Hayi akukho nto mfo wam, ziinto zakhona ezo. <u>Ukufa kwebhokhwe uyiseza asinto inokuncedwa sithi leyo</u>. Biza uMrhaji noMsikelwa noMchithwa beze apha ngoku. (*Bafikile*) |
| UMRHAJI: | Kutheni mfo kaBawo wasibizela ebuhlanti xa litshonayo ilanga, kukho egulayo na? |
| UQAVILE: | Hayi mfo kabawo akukho igulayo, nto nje kukho mcimbi wumbi ndifuna ukunazisa wona. |
| UMRHAJI: | Kwekh! Ndothukile mfondini! Kaloku ithi ingca yakuba nje ukuba luhlaza iinkomo zingemi kakuhle. |
| UQAVILE: | Nantsi le ndawo mawethu, phofu ningaxhalabi akukho nto imbi. Apha ndibona kufika umfana lo ebika udaba lokuba uyaliwa yintombi kaLangeni, ithi makalande iinkomo zakhe. Phofu ke mna loo nto ndiyothuke ndingayothuki njengokuba kakade le ndlu ibisekwa sithi bazali kucaca ukuba intombi iqhawula iintambo. |
| UMSIKELWA: | Uthini na ngoku Nozulu? |
| UQAVILE: | Yiloo nto Mpafane. |
| UMSIKELWA: | Ke ngoku uthi makuthiweni? |
| UQAVILE**:** | <u>Into yokubumba umdongwe ongabumbekiyo Nozulu, loo nto mna ndithi ayincedi nto</u>. Mna andiboni ndlelambini ngaphandle kokuba kuphuthunywe iinkomo ezo. |

15.8 Xela ukuba iinjongo zikaNomaMpondomise zokukhupha iinkomo zikaMcunukelwa zahambelana neziphumo. Xhasa impendulo yakho. (2)

15.9 Inika ngcinga ni intetho kaQavile enomgca ngaphantsi? (1)

15.10 Xela ukuba ngubani othetha kwizalathisi zeqonga ezikwisicatshulwa wandule ukuxela ulwazi esilufumana kuzo. (2)

15.11 Khankanya eziBINI izibakala ezikwiincoko, ekwisicatshulwa ezivelisa ukuphanza kwesiko lokwendisela intombi emfaneni engamthandanga. (2)

15.12 Uludidi luni lomlinganiswa uMcunukelwa ngokwendima ayidlalayo kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

15.13 Ucinga ukuba uNomaMpondomise noThobeka balumelo olwanelisayo na lwabantu ababhinqileyo kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

## UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## INDLAL'INAMANYALA – M. LAMATI

Ukwahluka ngeemo zendlala nentlutha kube ngunozala wempixano kule drama. Ngqina olu luvo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zedrama zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA K

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI : | Sirhezu, ixesha limkile sithandwa ngoku. Kuza kufuneka ndibuyele endlwini. |
| SIRHEZU : | Into endiyizeleyo namhlanje inye qwaba. |
| SIPHOKAZI: | Ungayithetha yonke enye into,kodwa ungandixeleli ngomtshato Sirhezu wam. |
| SIRHEZU: | Uthetha loo nto nje wenziwa kukuba usazi kakuhle ukuba ayikho enye into endiyizeleyo ngaphandle kokuza kuthabatha isiqinisekiso sokuba **thina sobabini asisayi kwahlulwa naziindudumo.** |
| SIPHOKAZI: | Ndifanele Sirhezu. Impendulo yeso sicelo nguHAYI obhalwe ngonoobumba abakhulu. |
| SIRHEZU: | Ndincede kaloku Nozulu. Ndincede Thukela. Musa ukwenza ukuba sibonakale njengabantu abaqhwayela emva okwesikhukukazi esinamantshontsho. |
| SIPHOKAZI: | Asizonjongo zam ezo Ndlebentle zombini. Asizonjongo zam ezo Mthimkhulu. |
| SIRHEZU: | Masiqhubele phambili ke, Mpafana, kuba kucacile ukuba siyevana ngaleyo indawo. |
| SIPHOKAZI: | Hayi siyevana ngaleyo indawo. Esingevani ngayo yile ingondoqo. |
| SIRHEZU: | Hayi bo, khawuthethe kakuhle Sphosh. Thetha kakuhle Mpafana. Mandicacelwe ukuba uyandithanda ngenene okanye zange wandithanda kwasekuqaleni. |
| SIPHOKAZI: | Uyaphazama ke ngoku Sirhezu wam. Uyaphazama Rhadebe. |
| SIRHEZU: | Ndilungise kaloku xa ndiphazama. Ndicinga ukuba ngumsebenzi wakho ukulungisa iimpazamo zam. |
| SIPHOKAZI: | Uyazi Sirhezu ukuba isikhalo sam sinye kuwe, sesokuba ndim inkulu aph' ekhaya. |
| SIRHEZU: | Ndiyayazi ke leyo. Akukho mfuneko yokuba ude uyiphinda-phinde. |

| | |
|---|---|
| SIPHOKAZI: | Uthi umama ke anganditthatha njani xa ndinokuthi ndingekaphangeli nonyaka omnye lo, ndibe sendimxelela ukuba ndiyenda? |
| SIRHEZU: | Kudala ke ndiwuphendula lo mbuzo wakho, ikhaya lentombi lisekwendeni. |

17.1 Caphula intetho kaSiphokazi etyhila ukuba ebesele ewukrokrela umcimbi aze ngawo uSirhezu. (1)

17.2 Ngqina ngengongoma ENYE ubunyani bamazwi kaSirhezu abhalwe ngqindilili ngokwale drama. (2)

17.3 Chaza zibeMBINI iindlela zokwaphula umthetho ezisetyenzisiwe kule drama. (2)

17.4 Cacisa ngeengongoma eziMBINI ukuba umxholwana wokunyoluka ukhulise intlekele ekule drama. (2)

17.5 Nika isizathu asibekayo uSiphokazi sokungasamkeli isicelo sikaSirhezu. (2)

17.6 Cacisa ukuba kutheni ukunyoba kungabanga sisisombululo esichanekileyo kwingxaki ababekuzo abalinganiswa ababefuna umsebenzi kule drama. (2)

17.7 Chaza izenzo zibeziTHATHU zikaSiqhiwu ezichase izinyobo kule drama. (3)

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| MALUNYAWANA: | Nantso ke Dlezinye. Ndikugqibile ngoku yaye ndikubethe kakuhle. Uyinkathavu yexhego kanye ngoku. |
| DLEZINYE: | Khawume ngokuzincoma*(ezijonga esipilini akhalise umlozi ngelincomayo*) **Hey hay' undibethile ntomb'omntu**. |
| MALUNYAWANA: | Bendikuxelel' ukuba akunakuzotywa nguMalunyawana, ube yile nto ufuna ukuba yiyo, akakho omnye umntu ongaphinda akuzobe. |
| DLEZINYE: | Yimalini ke intlawulo yakho? Ungayixhomi ke kuba ndisuke ndakuncoma. |
| MALUNYAWANA: | Ngamakhulu mathathu weerandi mfo wam kuphela nje. Lo msebenzi ndiwenze apha kuwe uwodwa nje. |
| DLEZINYE: | Intoni? Amakhulu amathathu eerandi? Ungasuka uye kuziqengqa ukuba uyathanda. Ucinga ukuba imali le siyikha emithini okweziqhamo kakade? |
| MALUNYAWANA: | Incinci loo mali. Ukhumbule ukuba wena uza kwenza isityhwentywe semali ngobo buso. |
| DLEZINYE: | Ifuna wena kaloku loo nto tshijlokazi ndini? |
| MALUNYAWANA: | Phulaphul' apha Dlezinye ndikutyele amavo amafutshane. Ukhumbule kananjalo ukuba xa unokuthi ubanjwe uze utwele igama lam, xa amapolisa ekubuza ngobu buso bakho bexhego nam ndiya kuba senyuleni. |
| DLEZINYE: | Ulixhwili! Kunjalo nje uyabucikozela obu buxhwili bakho. |
| MALUNYAWANA: | <u>Uthi ndiya kuyithathaphi imali yokuhlawula amagqwetha xa ufuna ndibize isenti?</u> |
| DLEZINYE: | Yintoni eza kundibambisa? |
| MALUNYAWANA: | Mhlawumbi akukho nto iza kukubambisa kodwa ukhumbule ukuba andibuzi mibuzo xa umntu eze kufuna uncedo lwam. |
| DLEZINYE: | Ndiza kukunika amakhulu amabini Malunyawana. Ininzi naleyo. |

17.8 Xela ukuba iinjongo zikaDlezinye zokuzitshintsha abe lixhego zahambelana neziphumo. Xhasa impendulo yakho. (2)

17.9 Inika ngcinga ni intetho kaMalunyawana enomgca ngaphantsi? (1)

17.10 Xela ukuba ngubani othetha kwizalathisi zeqonga ezikwisicatshulwa wandule ukuxela ulwazi esilufumana kuzo. (2)

17.11 Khankanya zibeziBINI izibakala ezikwincoko, ekwisicatshulwa ezivelisa ukuba indibano yesi sibini yeyamaqili odwa. (2)

17.12 Uludidi luni lomlinganiswa uMalunyawana ngokwendima ayidlalayo kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

17.13 Ucinga ukuba abantu abangamadoda bazotywe ngokwanelisayo kwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**